




eduresourceza.com



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha ali-11.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

Kwisincoko ngasinye umfundi makabonise isakhiwo esifanelekileyo, umongo uyilo, isimbo nolwimi olufanelekileyo.

1.1 Isincoko esichazayo/esiqiqisayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Wenzani ngalo mzuzu.
- Izinto anokuzenza ezinokumkhokelela kweli khondo alinqwenelayo.
- Ikhondo anokulilandela.
- Iindlela aza kuzilandela ukulungiselela ikamva lakhe.

[50]

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

1.2 Isincoko esichazayo/esibalisayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Achaze ukuba yintoni ingoma.
- Anike iindidi zeengoma.
- Indima nemisebenzi edlalwa yingoma eluntwini.

[50]

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

1.3 Isincoko esixoxayo/esigxeka-sincoma

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Ukubaluleka kolwimi.
- Imisebenzi yolwimi.
- Indima karhulumente ekuphuhliseni ulwimi lwesiXhosa.
- Inzuzo xa ufunda izifundo ngesiXhosa.
- Ukunqongophala kwesigama nefuthe letekhnoloji.

[50]

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

1.4 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Anike intsingiselo yeqhalo.
- Aphuhlise okuqulethwe liqhalo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

BNN

SMWS

1.5 Isincoko esixoxayo/esichazayo/esigxeka sincoma

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Imo yezemfundo.
- Indima enokudlalwa ngabathathi nxaxheba umzekelo, abazali, ootitshala, urhulumente ukuphucula umgangatho wemfundo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]

1.6 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Indima edlalwa ngamagosa endlela.
- Indlela aziphethe ngayo.
- Indima endinokuyidlala/igalelo/utshintsho endinokuza nalo.
- Ukungenelela kukarhulumente.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]

1.7 1.7.1 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esigxeka sincoma/esiqiqisayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Ukubaluleka kolimo.
- Ukubaluleka komhlaba.
- Indima edlalwa yimfuyo ekulinyweni komhlaba.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]**OKANYE**

1.7.2 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esigxeka sincoma/esiqiqisayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Ukubaluleka kwamanzi kwindalo iphela.
- Ubungozi bamanzi kwindalo iphela.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

[50]**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Umlingwa makaqaphele ezi zinto zilandelayo:

- Idilesi nomhla wokubhalwa kweleta.
- Isibuliso esibonisa ubuhlobo.
- Umcimbi engawo.
- Umxholo mawudwelise iimpawu zale mvumi nomculo wayo.
- Isiphelo esichanekileyo.

[30]**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Igama, nomhla wokuzalwa.
- Umnombo wakhe ngokufutshane.
- Amagqabantshintshi ngemfundo apho kukho imfuneko.
- Igalelo lakhe entlalweni nezinto ebenomdla kuzo esaphila.
- Usuku lokusweleka kwakhe.
- Isiphelo esichanekileyo.

[30]**2.3 UDLIWANO-NDLEBE**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Ziphe amagama izithethi.
- Indawo oluqhubeka kuyo olu dliwano-ndlebe.
- Intshayelelo mayitsale umdla.
- Ingxoxo ngemiba echaphazelela ulutsha.
- Ingcaciso engenye ibhalwa kwizibiyeli.
- Isiphelo esichanekileyo.

[30]**2.4 INQAKU LOMHLELI**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kwenqaku eliya kumhleli.
- Umhla elibhalwe ngawo.
- Izimvo ngokuthengiswa kwelayisenisi.
- Isiphelo esichanekileyo.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

3.1 ISIBHENGESO

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kwesibhengezo.
- Igama leshishini.
- Isilogani.
- Okuthengiswayo.
- Ukwahluka kwalo kwamanye.
- Okungazuzwa ngumthengi.
- Amaxesha okuvula nokuvala.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kweposikhadi.
- Amazwi okuvuyisana.

[20]**3.3 UMYALELO**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa komyalelo.
- Mababhale ngezivakalisi ezipheleleyo.
- Mabaqaphele ukulandelelana kwemiyalelo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100

ICANDELO A: IZINCOKO – 50 AMANQAKU

Iziqulatho	Khawudi 7 Balaseleyo 80%–100%	Khawudi 6 Mfaneleko 70%–79%	Khawudi 5 Enomthamo 60%–69%	Khawudi 4 Anele 50%–59%	Khawudi 3 Phakathi 40%–49%	Khawudi 2 Buthathaka 30%–39%	Khawudi 1 Bubhetyebhetye 0%–29%
1. UMONGO NOYILO (30 AMANQAKU)	24–30 Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esingenamakhwini-ba nesigqibeleleyo. Isincoko sibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokoxa iingcinga.	21–23½ Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esinobugcisa obuhle nobuqaqambileyo. Isincoko sibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile zinomdla.	18–20½ Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esinomfaneleko nesilunge kakhulu. Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisoyo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso.	15–17½ Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esinomfaneleko esamkelekileyo. Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisoyo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	12–14½ Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esikwizinga eliphakathi nesinamatheleneyo. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	9–11½ Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esingabekelelwa-nga akuhle. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	0–8½ Ubungqina boyilo okanye bokucebeka ekuveliseni isincoko esibekelelwe ngokutxenileyo. Isincoko asikho mnxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango, uphinda-iphindo nokunwenwela kude kwisihloko.
2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (15 AMANQAKU)	12–15 Isimbo, invakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.	10½–11½ Isimbo, invakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.	9–10 Isimbo, invakalozwi nerejista ihambelana nesihihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo-magama oluhambelana netekisi.	7½–8½ Isimbo, invakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele.	6–7 Isimbo, invakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachaneka-nga. Uchongo-magama luphakathi.	4½–5½ Isimbo, invakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahehexa.	0–4 Isimbo, invakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo-magama luhexa kakhulu.
	Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi engenamakhwini-ba okupheleleyo kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi ineziphoso ezininzi nangona kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi idlakadiaka zimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.	

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha


BUN

S.M. Niles

3. ISAKHIWO/IMO	4-5	3½	3	2½	2	1½	0-1
Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene- yo.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene- yo.	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.
Ubude buyangqinela neemfuno zesihloko.	Ubude buyangqinela neemfuno zesihloko.	Ubude bufanelekile.	Ubude bufanelekile.	Ubude bubufaneleka.	Umthamo mfutshane kakhulu okanye mde kakhulu.	Umthamo mfutshane okanye mde kakhulu.	Umthamo mfutshane okanye mde ngokubaxekileyo.

Izincoko ziya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO NOVILO	30
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHELA	15
C ISAKHIWO/IMO	5
AMANQAKU EWONKE	50



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE – 30 AMANQAKU

ISIQULATHO	Khowudi 7 Balaseleyo 80%–100% 14½–18	Khowudi 6 Mfaneleko 70%–79% 13–14	Khowudi 5 Enomthamo 60%–69% 11–12½	Khowudi 4 Anele 50%–59% 9–10½	Khowudi 3 Phakathi 40%–49% 7½–8½	Khowudi 2 Buthathaka 30%–39% 5½–7	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 00%–29% 0–5
1. UMONGO, UYILO NEMO (18 AMANQAKU)	Ubungqina bokuqela uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo.	Ubungqina bokuqela uyilo luvelise itekisi engenazimpaza- mo kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo.	Ubungqina bokuqela uyilo luvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo.	Ubungqina bokuqela uyilo luvelise itekisi eyanelisayo.	Ubungqina bokuqela uyilo luvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela, itekisi ayibekelwanga kakuhle.	Uyilo okanye ucebo alukho; itekisi ibekelwe ngokutxenxileyo.
	Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngeshloko. lingcamango zivuthiwe zixhokoxa iingcinga.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lweshloko. lingcamango zihlakaniphile, zinomdla.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lweshloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko lweshloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zingqongophele soloko kuphinda- phindwa.	Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho lunamathelwano. lingcamango, uphinda-phindo zinwenwela kude kwishloko.
	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene- yo.	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka- hlukene.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zifhande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu- bhutyu azingqinelani.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

S.M. N. S. D.N.N.

Tyhila iphepha

2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHELELA (12 AMANQAKU)	10–12	8½–9 ½	7½–8	6–7	5–5½	4–4½	0–3½
	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufanelekileyo neshloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswa ngempumetelo enkulu nangokufanelekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo neshloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswa ngokuchanekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neshloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswa ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo-magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfundo zeshloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama luhakathi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachaneka nga. Uchongo-magama luphakathi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhethebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo-magama luhexa kakhulu.
	Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo.

Imihlathana emide iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO, UYILO NEMO	18
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHELELA	12
AMANQAKU EWONKE	30


Akuvumelekanga ukufutokopa eli phepha

Sny

PAN


NWS

Tyhila iphepha



ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE – 20 AMANQAKU

ISIQULATHO	Khowudi 7 Balaseleyo 80%–100%	Khowudi 6 Mfaneleko 70%–79%	Khowudi 5 Enomthamo 60%–69%	Khowudi 4 Anele 50%–59%	Khowudi 3 Phakathi 40%–49%	Khowudi 2 Buthathaka 30%–39%	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 0%–29%
1. UMONGO, UYILO NESAKHIWO/ NEMO (12 AMANQAKU)	Ubungqina bokuqaba uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi.	Ubungqina bokuqaba uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo.	Ubungqina bokuqaba uyilo buvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo.	Ubungqina bokuqaba uyilo buvelise itekisi eyanelisayo.	Ubungqina bokuqaba uyilo buvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelelwanga kakuhle.	Uyilo okanye ucebo alukho; itekisi ibekelelwe ngokutxenxileyo.
	Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokoxa iinginga.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko oluchanekileyo. lingcamango zihlakaniphile zinomda.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko oluvakalayo. lingcamango zinomda, zeziqinisekiso.	Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko olwaneliso. lingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu.	Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zingqongophele, soloko kuphinda- phindwa.	Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango nophinda-phindo zinwenwela kude kwisihloko.
	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene- yo.	Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka- hlukeno.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa lingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu- bhutyu azingqinelani.



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Bvov

Tyhila iphepha

SM
NWS

2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (8 AMANQAKU)	6½–8	6	5½	4–4½	3½	2½–3	0–2
	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufanelekileyo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo nangokufanelekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo-magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfundo zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo-magama luphakathi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihhexa uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo-magama luhexa kakhulu.
	Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.

Imihlathana emifutshane iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A UMONGO, UYILO NEMO	12
B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	8
AMANQAKU EWONKE	20

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

SM
NDS
BAN.